WESTERN CAPE
LIQUOR AUTHORITY

# ISAZISO ESIBALULEKILEYO

## ISIMEMO SOKUTYUMBELA AMALUNGU KWIBHODI ELAWULAYO YEGUNYABANTU LOTYWALA KWINTSHONA KOLONI

UGunyaziwe wezoTywala eNtshona Koloni ("i-WCLA") usekwe licandelo lesi2 loMthetho woTywala weNtshona Koloni, 2008 (uMthetho 4 ka-2008) ("uMthetho"). Kukho izithuba ezikhoyo ngoku kwibhodi yolawulo ("iBhodi") yeWCLA yabantu abahlangabezana neemfuno ezichazwe ngezantsi. Abantu abanomdla bayamenywa ukuba batyumbe abagqatswa ngokokubona kwabo ukuba bafanele ukutyunjwa njengamalungu eBhodi. Isimemo esifanayo sokutyumba sasipapashiwe phantsi kweSaziso sePhondo 119/2023 sowe17 kweyeNkanga 2023 kwaye sinokujongwa kule webhusayithi https://www.westerncape.gov.za/dept/community-safety

Uxanduva lwelungu lubandakanya ukuya nokuthatha inxaxheba kwiintlanganiso zeBhodi kunye nayo nayiphi na eminye imisebenzi enikezwe kuMthetho kunye neminye imithetho efanelekileyo.

**Abatyunjiweyo mabafezekise ezi ndlela zilandelayo:**

(a) abe neminyaka engama25 ubuncinci;
(b) abe ngummi woMzantsi Afrika kwaye abe uhlala ngokusisigxina eNtshona Koloni;
(c) angathinteleki ngokwecandelo lesi5 loMthetho;
(d) abenolwazi olufanelekileyo okanye amava—
  (i) kwiinkqubo zokuqinisekisa ukuphendula ngendlela eyiyo, ubulungisa kunye nokungafihlisi ekuqhubeni kweshishini lombutho; okanye
  (ii) ekujonganeni nokulwa kweziphumo ezimbi zentlalo zokusetyenziswa gwenxa kotywala.

Onke amagama abatyunjiweyo kufuneka abeke izizathu zokuba lowo utyunjiweyo azibone elungele ukunyulwa njengelungu leBhodi kwaye kufuneka zihambe kunye nolona lwazi luphambili lwezifundo lwalowo utyunjiweyo.

Onke amagama abatyunjiweyo kufuneka abeke izizathu zokuba lowo utyunjiweyo azibone elungele ukunyulwa njengelungu leBhodi kwaye kufuneka zihambe kunye nolona lwazi luphambili lwezifundo lwalo mntu utyunjiweyo. Iifomu zokutyumba zinokufumaneka ngesicelo kuAdv. Kagiso Kraai at Kagiso.Kraai@westerncape.gov.za okanye kwiwebhusayithi https://www.wcla.gov.za/members_of_the_board.

Xa kutyunjwa kuya kuthathelwa ingqalelo imiba yezobuhlanga neyesini. Amalungu eBhodi anyulwa okwethutyana ixesha elimiselweyo nguMphathiswa elinokuthi lingadluli kwiminyaka emine.

Onke amagama abatyunjiweyo kufuneka angeniswe ngaphambi okanye ngomhla we14 kweyoMnga 2023—
(a) **ngeposi ku:**
Adv. Kagiso Kraai
ISebe loBekoliso lamaPolisa noKhuseleko loLuntu
PO Box 5346
Cape Town 8000;
(b) **ngokuimeyila ku:**
Kagiso.kraai@westerncape.gov.za
(Phawula ngokucacileyo ibhokisi yesihloko njengethi: WCLA NOMINATION FORM.);
(c) **ngokufeksela ku:**
021 483 6412; okanye
(d) **ngokulusiza ngesandla kwi:**
INTLOKO YESEBE LOBEKOLISO KUMAPOLISA NOKHUSELEKO LOLUNTU
KuLwamkelo kumgangatho osezantsi
KuMgangatho oseZantsi
Kwanombolo 35 kwiSitalato iWale
EKapa.

**Imibuzo inokubhekiswa kuAdv. Kagiso Kraai:**
**Umnxeba:** 021 483 6376; or
**I-imeyili:** Kagiso.kraai@westerncape.gov.za.
Onke amagama abatyunjiweyo aya kuphathwa ngokufihlakeleyo.
.